



+27 12 752-6200



info@nect.org.za



Ground Floor, Block D,
Lakefield Office Park,
272 West Avenue,
Centurion, 0163



<https://nect.org.za/>

UKUXHASWA KOKUFUNDA EKHAYA

IsiKhokelo soku-1 kwezi-2 zabazali nabantu abagcina abantwana

Imithetho ebalulekileyo emalunga nokufunda

Indlela abafunda ngayo ukufunda abantwana





IMITHETHO EBALULEKILEYO EMALUNGA NOKUFUNDA

Abantwana bafundiswa ukufunda esikolweni. Ukuze babe ngabantu abafunda ngcono, kufuneka bafumane inkxaso ekhaya.

Ukuze ukwazi ukunceda abantwana bakho bakwazi ukuphucula izakhono zabo zokufunda, kukho imithetho esisiseko ekufuneka iqondwe ngumntu wonke.



Yiyiphi ke le mithetho ibalulekileyo?

- Ukufunda sisakhono okanye yikhowudi ekufuneka ifundwe ngumntwana ngamnye!
- Yiba nomonde futhi ube nobubele ebantwaneni bakho xa befunda.
- Bancome abantwana bakho ngokuzama nangenkqubela-phambili abayibonisayo.
- Bakhuthaze abantwana bakho futhi uphuhlise ukuzithemba kwabo.
- Bafundele okanye ubabalisele amabali rhoqo.

Zeziphi izakhona ezifunekayo ukuze



umntwana abe ngumntu okwazi ka- kuhle ukufunda

Ukwazi ukuqonda okushicilelweyo:

Abantwana kufuneka baqonde ukuba konke okushicilelweyo kunentsingiselo. Iincwadi zinoonobumba kunye namagama, zinefonti kunye neqweqwe langasemva, kwaye zifundwa ngokusuka ekhohlo kuyiwe ekunene.

Ukunakana izandi

Esikolweni, ukunakana izandi kubizwa ngokuba **lulwazi lwezandi. Ukunakana iziqanaqwana zamagama athethwayo,**

ezifana namalungu amagama kubizwa ngokuba lulwazi lwezandi.

Bancedise abantwana bakhulise ulwazi lwabo lwezandi ngezi ndlela zilandelayo:

- Dlalani imidlalo elula yemfano-zandi.
- Biza amagama anezandi ezifanayo afana nala, isele, ibele, izele. Mcele umntwana wakho ukuba abize amanye amagama amatsha anezandi ezifana nezo zikumagama owabizileyo.
- Mcele umntwana wakho ukuba avale amehlo. Qhwaba ulandele isingqi esithile, uze ke umcele ukuba aqhwabe emva kwakho.
- Mcele umntwana wakho ukuba aqhwabele amalungu akwigama lakhe. Ungakwenza oku nakwamanye amagama ahlukileyo.
- Jonga amagama ashicilelweyo kwikhaya lakho uze ucele umntwana wakho akuxelele ukuba sithini isandi esenziwa ngunobumba. Umzekelo, kwipakethe ezinokutya nezinye izinto: (/o/ kwi OMO /k/ kwi Kellogg's, /n/ ku Nivea), kwileyibheli, kumaphephandaba, kwimagazini, njl.



Izandi

Izandi zizo ezakha isiseko sokufunda. Abantwana kufuneka bazi ukuba oonobumba bamele izandi zolwimi oluthethwayo kwaye kukho ukuzalana phakathi koonobumba nezandi.

- Fundisa abantwana isandi esenziwa ngunobumba ngamnye. Umzekelo: u a ku apile, b ku bala
- Fundisa abantwana indlela yokudibanisa izandi bakhe amagama. Umzekelo: l-a-l-a lala, m-a-m-a mama
- Fundisa abantwana indlela yokusebenzisa izandi xa besahlula amagama ngokwezandi xa befunda. Umzekelo: icici, /i/-/c/-/i/-/c/-/i/
- Fundisa abantwana indlela yokwahlula amagama
- ngokwamalungu. Umzekelo: ipikoko, i/pi/ko/ko/

Ukufunda ngokutyibilika. Xa umntwana efun-da ngokutyibilika, oku kuthetha ukuba ufunda kakuhle ngaphandle kokugqwidiza. Ufunda ngathi uyathetha. Abantwana kufuneka bafunde indlela yokufunda itekisi ngesantya esifanelekileyo. Kufuneka bafunde ngendlela echanekileyo batshintshatshintshe nenkangeleko yobuso.

- Mncedise umntwana wakho aziqhelanise nokufunda ngokutyibilika ngokuthi umcele afunde izivakalisi okanye amabali ngokukhwaza.
- Ukuba uye wasokola ukufunda itekisi umntwana xa eqala, mcele aphinde ayifunde kwakhona ekhwaza.
- Mkhumbuze umntwana wakho ukuba anqumame xa ebona ikoma okanye isingxi.



Isigama

Xa abantwana besazi amagama amaninzi, batsho bakwazi ukufunda ngcono. Kufuneka sibancede abantwana bakhulise isigama sabo ngokuthi sibafundise amagama amaninzi amatsha. Ungasifundisa isigama esitsha ngokusebenzisa umdlalo ekuthiwa yi KLXS):

- Khomba into okanye umfanekiso wegama.
- Linganisa into ethethwa ligama xa igama lisenzi esifana no tsiba.
- Xelela abantwana intsingiselo yegama xa kunzima ukuba baqonde.



- Sebenzisa igama kwisivakalisi ngeenjongo zokuchaza intsingiselo yalo.

Ukufunda ngengqiqo

- Injongo yokufunda kukuqonda into esiyifundayo. Sebenzisa ezi ndlela zilandelayo uncede abantwana bafunde ngengqiqo:
- Phambi kokufunda: Buza umntwana wakho imibuzo elula emalunga neqweqwe lencwadi kwakunye nebali elifana neli , 'Ucinga ukuba eli bali lithetha ngantoni?', Kutheni ucinga ngolo hlobo?', Ingaba ungandixelela ukuba sithini ishloko sale ncwadi?'
- Ngexesha lokufunda: Nika umntwana ithuba lokukufundela itekisi ngokukhwaza. Mchazele ukuba njengokuba befunda, kufuneka bazame ukuzakhela umfanekisongqondweni khonukuze bakwazi ukuqonda into abayifundayo.
- Emva kokufunda: mncedise umntwana wakho aqonde ibali ngokuthi umcele ukuba akuchazele ibali ngamazwi akhe. Usenokumbuza imibuzo ngebali, efana nale: 'Ingaba eli bali lithetha ngantoni?', 'Kwenzeke ntoni ebalini?', 'Ucinga ukuba kutheni abantu abasebalini benze loo nto?' Wena ngowenze njani ukuba ubungumlinganiswa osebalini?'

'Yiyiphi eyona ndawo uyithandileyo ebalini?'
Kutheni uyithandile le ndawo ebalini?'

- Nika abantwana abaselula abakwiBanga R ukuya kwelesi-3 ithuba lokuziqhelanisa nokufunda ekhaya besebenzisa incwadi yokufunda abayinikwe esikolweni okanye iNcwadi yokuSebenzela yeDBE. Abantwana abathe dlundlu abakwibanga lesi-4 ukuya kwelesi-7 bangaziqhelanisa nokufunda ngokuthi basebenzise incwadi yokufunda, iincwadi zabo zoLwimi lwaseKhaya nezolwimi oloNgezelelweyo okanye iincwadi zoLwimi zeDBE.

***Khumbula, ukuqonda (ukufunda ngengqiqo)
kuyinjongo yokufunda!***

***Xa abantwana befunda amagama
asephepheni kodwa bengayiqondi
intsingiselo okanye bengakwazi ukuqonda
abakufundayo, oku kuthetha ukuba
abafundi.***



+27 12 752-6200



info@nect.org.za



Ground Floor, Block D, Lakefield Office Park,
272 West Avenue, Centurion, 0163



<https://nect.org.za/>

